



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**FEBRUWARI/MATSHI 2012**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 80**

**Le memorandam inamaphepha angama-23.**

**ICANDELO A: ISIHOBE*****VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela (Umhleli)***

QAPHELA EZONA NTSIKA ZIPHAMBILI KUHLALUTYO LOMHOBE

**UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)****IZIFO ZABANTWANA – W Shasha****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- 'Mandithethe ndide ndithintithe'- Ukuthintitha kukuthetha uphindaphinda amagama okuthi kubangelwe kukucaphuka amaxesha amaninzi. Imbongi ibonakala icaphuka, ikhathazekile kangangento yokuba inqwenela ukuthetha ingayeki ngenxa yabantwana abangenwa zizifo.
- 'Mandinithuke ndinithakathe' Ukuthuka kukusebenzisa intlamba. Urhalela ukubaxelelisa aba bantu bangunobangela wezi zifo zabantwana, nto leyo ephuhlisa ukungayithandi kwakhe le nto yenzekayo, engunobangela wokuzala ungacebanga.
- Ukuthakatha kukwenza into embi emntwini engazi ubethelela uluvo lokunga angabenza into embi aba bantu basisizekabani sale meko.
- Zizifzo zohlanga'- Imbongi ithetha ngezifo ezambethe iintlanga ngeentlanga. Kwenzeka izinto ezazingenzeki kudala.
- Bharha, isifanekiso-zwi esiphuhlisa ukubalela nokuba uMzi oNtsundu uyaphela, akusayi kubakho hlumelo.
- 'Usapho lusiintsalu', iintsalu ngabantu abathe saa, abangavaniyo, abangabumbananga, ingulowo umntu wenza into ayithandayo. Apha imbongi iveza ukuba iintsapho azihlalelani.
- 'Umntwan' esiswini uxwesile!', imbongi iphuhlisa ukuba xa abantwana bexwesile esiswini, kaloku abadli ngakuphila, ngoko ke imbongi ibethelela uluvo lokuba isizwe esiNtsundu siyaphela xa kusekho iingxaki ezikumila kunjalo.
- 'Siyintlekis' ezintlangeni', imbongi ikhalazela ukuba abantu abaNtsundu balilifa lensesi ezizweni. 'Sizalwe, sidle sihluthe, sife!' Imbongi ibekelele izenzi kulo mgca ukupuhhlisa ukuba isizwe esiNtsundu saziwa ngokuba ngoongantweni abonqena ukusebenza.
- 'Anyil' amathole: yaphalal' ingqaka'. Kukudibana kwamathole noonina xa ebekhethiwe aze ancance kutsho kungabikho masi. Imbongi iveza ukonakala kwezinto, alusekho nobisi ezinkomeni luggitywe ngamathole akukho nengqaka, loo nto iphuhlisa indlala egqubayo. Xa kulanja ke kuphela nolonwabo.
- 'Wangxulel' umasihlalisane watyibela'. Kukuzala abantwana abangashiyani kuyaphi.
- 'Watsho ngeentothololo zeentambalala'. Bubuninzi nokubhitya kwaba bantwana bazalwa ngulo masihlalisane. 'Ezi nkene-nkene zamarhaqlala'. linkenenkene ngabantwana ababuthathaka, abangenampilo behleli nje benyembezana. irhaqlala kukuba mdaka. Apha imbongi ibonisa ukuba aba bantwana bazalwa phantsi kwezi meko babbhityile bamdaka batsho babe nezifo. Ubazoba aba bantwana bangathandeki ngenxa yokungabinampilo, nokusoloko bekhala bemdaka.

- 'Zibon' uMakhulu azimaz' uyisemkhulu;'. Ukwaveza nokungacaci kwemvelaphi yooninakhulu baba bantwana bazalwa phantsi kwezi meko.
- 'Zibhuz' iimpukane zingenwa nayindumbane'. Sisandi esenziwa ziimpukane kwaba bantwana, kwaye badumbile. Imeko yokungabikho mpilweni nokuba mdaka kwaba bantwana uyiphuhlisa ngokuveza ubuninzi beempukane,
- 'lnt' ezirhuda ngokungathi ziyachama!. Kukuhanjisa zizisu besitsho amanzi ngezantsi. Imbongi isebezise ubaxo/ ubabazo ukuqaqambisa ukubamaxongo nokungalawuleki kwemeko yokuhambisa kwezisu.
- 'Zitsho zirhotyoloze zirhoboloza zirhoqoza.' Isandi esenziwayo kukuhamisa kwesisu,yindlela abahamba ngayo abantwana abaphelelwwe ngamandla. Ukuhamba betshitshiliza.
- 'Vumba lelweyle lihamba nokhwekhwe.' Amalweyle abo ayanuka anelingavumiyo ukuphela ivumba.
- 'Mangondo kangondoyi'. Uphinda-phinda igama ingondo egxininisa indlela ababhitye ngayo de kubonakale amathambo. Esi sitanza imbongi isiphetha ngesaci esithi,
- 'Amanyal'enyoka eyakhwel'emthini ingenanyawo'- ukuphuhlisa into engummangaliso nengaqhelekanga ayenziwa yile ndoda nomashlalisane.

[10]

## OKANYE

### **UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

#### **IMBONGI YESIZWE – SEK Mqhayi no JJR Jolobe**

- |     |  |             |
|-----|--|-------------|
| 2.1 | NguMzima.√   | (1)         |
| 2.2 | Ngumbuzo-buciko.√  | (1)         |
| 2.3 | Sisetyenziselwe ukubika ngodaba lokubhubha kwale mbongi.√  | (1)         |
| 2.4 | Wayeyimbongi evuniywego nephum' izandla.√  | (1)         |
| 2.5 | 'Ufudukile umphakathi enxuweni elidala'.√  | (1)         |
| 2.6 | Ngokubonga.√/nangokubhala iincwadi zesiXhosa.√/ngokubhala amaphepha-ndaba-iZwi laBantu neMvo.√<br><br>(Nayiphi na kwezi) | (1)         |
| 2.7 | 2.7.1      Ugxanyaza – C.√/Umntu owenza izinto ngokukhawuleza.√  | (1)         |
|     | 2.7.2      Ingqangangqanga – A.√/Umntu obalaseleyo kwinto ayenzayo.√   | (1)         |
| 2.8 | Yi-eleji√/lsimbambazelo.√ Kubongwa ngomntu ongasekhoyo.√/Kubongwa ngomntu owaswelekayo.√<br><br>(Naziphi na kwezi)       | (2)<br>[10] |

## OKANYE

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)****ISILISO SELULWANE – C Nqakula**

- 3.1 A✓/Ukuhlupheka✓/A. Ukuhlupheka.✓  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.2 Intaka-mpuku.✓/udludaka✓  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.3 Ukuzifumana ungenacala ungena kulo ngenxa yendlela odalwe ngayo.✓✓  
(Namathela kwimigca oyinikileyo) (2)
- 3.4 Bandisukela ...✓/ ... ndibe licham lamatye✓/... bandixuluba ....✓  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.5 Yinyani.✓ Kuba emini nasebusuku liyahlaselwa.✓ (2)
- 3.6 Yimfano-zandi✓ isetyenziselwe ukwakha isingqisho.✓ (2)
- 3.7 Umntu masimamkele ngale ndlela ayiyo/adalwe ngayo.✓ (1)  
[10]

**OKANYE****UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)****INTLAKOHLAZA – JJR Jolobe**

- 4.1 Uphuhlisa indlela imbongi ekuvuyela ngayo ukufika kwexesha lentlakohlaza.✓ (1)
- 4.2 Imbongi ipuhhlisa ukuba umhlaba ugutungelwa luhlaza ngexesha lentlakohlaza.✓✓ (2)
- 4.3 Umhlaba ubumbi, ungathandeki yaye uxwebile.✓✓ (2)
- 4.4 Siphuhlisa ukuba ubuhle bentlakohlaza bufaniswa nobomtshakazi.✓ (1)
- 4.5 Ilinyosi.✓ (1)
- 4.6 Ubusika.✓ (1)
- 4.7 Umbongo-nkazo. Umbhali usichazela ngeenguqu ezifumaneka ngexesha lentlakohlaza.✓✓ (2)  
[10]

**KUNYE**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)****UXOLO– PB Mqhayi****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Kwisitanza soku-1 imbongi isebeenzisa uphinda-phindo Iwamagama,  
 'Kwiindawo zonke ...'  
 'Kwiindawo zonke ...'  
 'Kwiindawo zonke ...'  
 ngenjongo yokubethelela ukuba kwiindawo ngeendawo ekufumaneka kuzo abantu apho bahamba, bahlala nalapho basebenza khona, kufuneka kusoloko kukho uxolo ngamaxesha onke.
- Kumqolo wokugqibela imbongi isebeenzise isiyaleli, 'Gcinani' esibhekisa kuluntu lumphela ukuba maluzinikele ekuqinisekiseni ubukho boxolo kuzo zonke iindawo ngalo lonke ixesha.
- Kwisitanza sesi-2 imbongi isebeenzisa uphinda-phindo Iwesiyaaleli esikwisixando sokwenzana 'Xolelana' ukupuhhlisa ukuba uxolo luxanduva lomntu wonke kwaye kufuneka luvele macala. Kwiindawo ngeendawo nakumakhaya ngamakhaya ukuze kuhlalwe kamnandi kufuneka kuphilwe uxolo lusapho, umakhelwane nkqu notshaba Iwakho ngalo lonke ixesha.
- Kwisitanza sesi-3 imbongi isebeenzise uphinda-phindo 'Apho kukho uxolo kukho ...' ukusityhilela ngeziqhamo ezihle ezifumaneka apho kukho uxolo ezizezi: uthando, ithemba, ulonwabo nozuko, nto leyo ebhentsisa ukuba apho kukho uxolo kuphilwa ubomi obunyulu nobumnandi ngokuggibeleyo. Kwakhona imbongi ilebela ngokuyalela ikwagxininisa ukuba umntu ngamnye makaqinisekise ukuba kukho uxolo kwindawo akuyo kwaye luyenziwa ngalo lonke ixesha.
- Kwisitanza sesi-4 umbhali uthi, 'Kwiinto zonke ayikho eyegqitha uxolo ukupuhhlisa ukuba uxolo' ulubona njengesitshixo okanye njengeyona nto enokwenza ukuba abantu baphile ubomi obububo nobungcwele.. Kwakhona kwesi sitanza imbongi iyasicebisa ukuba nakuyiphi na imeko umntu ahlangana nayo ifuna uxolo makangadinwa kukulucela ukuze kuhlale kulawula lona kwiindawo zonke ngamaxesha onke.
- Kwisitanza sesi-5 umbhali uyasicebisa ekwasilumkisa ukuba ukucela uxolo kungakuphephisa ezingxakini nasezingozini othi uhlangabezane nazo. Ukwasikhuthaza ukuba masiqhubekе nokugcina uxolo kwiindawo ngeendawo esikuzo ngamaxesha onke kuba ngokwenza njalo siza kungena phantsi koluhlu Iwabantu abangamalungisa sitsho siphile ubomi obungcwele.

[10]

**OKANYE**

**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UXOLO – PB Mqhayi**

- 6.1      Ubhekisa kubo bonke abantu.√ (1)
- 6.2      Gcina uxolo maxa onke ndawo zonke.√ (1)
- 6.3      B. √/Macala omabini√/B. Macala omabini.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 6.4      Uthando√/ithemba√/ulonwabo.√/uzuko√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 6.5      Lephinda-phindo.√ (1)
- 6.6      Phantsi kweemeko zonke kubalulekile ukucela uxolo.√ (1)
- 6.7      Ubonakala umhle.√ kuba imbongi ikhuthaza uxolo nothando eluntwini.√ (2)
- 6.8      Ngumbongo√, kuba kubongwa ngento ekhoyo kwintlalo yethu.√ (2)  
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A:** **30**

**ICANDELO B: INOVELI****UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:****7.1 UMangaliso**

- UMangaliso uzotywe wangumntu gqibi.
- Icali elibi nelihle liyavela kuye ngenxa yeemo-ntlalo athe wahlangana nazo.
- Umbhali umbeka kwiimeko ngeemeko apha ebalini ezithi zipuhlise esona simo sakhe. Wazibalula ezincwadini.
- Uvezwe wangumntu oqamele ngethemba kubo bonke ubomi bakhe.
- Usinda kumahlandenyuka obomi ngenxa yethemba nomthandazo.
- Ukwasindiswa leli themba kuThixo wakhe kwizikrelemnqa zaseBhayi.
- Wasinda ekuqwengweni ziingonyama kumahlathi aseKnysna ngenxa yethemba awayenalo kuThixo.
- Wayengahlukani neBhayibhile nencwadi 'Uhambo lomhambi' awayeziphiwe nguThozama.
- Ithemba limthundezile ekumahlathi aseKnysna engaboni nezindlu, lamthubelezisa wafika emizini watsho wabona hendlala anokuphila ngayo kwilizwe lasemzini.
- Akazange alilahle ithemba lokubuyela esikolweni afunde emva kokubethwa lilizwe. Wafunda wada wayityekeza.
- Kukuba nethemba okumhlanganise noyise omzalayo kuba nakwiintshumayelo awayezenza wayekhokelisa ithemba. Bubukrelekrele nokukhawuleza kwengqondo yakhe obamenza ukuba akhawuleze afumane umsebenzi kwa-Irvin & Johnson.
- Wancedwa lulwazi lwamayeza ukuze abe uyakwazi ukuphila kumhlaba waseKnysna. Ubugqirha obo bamphathela imali eninzi nemfuyo.
- Uyakwazi ukwahlula okubi kokuhle. Uye wanesazela emva kokusezwa utywala emotweni xa babesendleleni esinga eBhayi.
- Wathi akuqonda ukuba iitshomi zakhe zimeyelisela emhadini, wazama ukuzikhwebula kuzo.
- Wathabatha isiggibo sokuba ashiye iKnysna neziyunguma zayo agoduke.
- Wangenela ubizo lobufundisi nalapho wathi wafunda wayityekeza eNgilane. Wabuya eNgilane sele ngumpondo-zihlanjiwe womfundisi.
- Wazimanya ngeqhina lomtshato noThozama.
- Yamnceda into yokuba kwiimeko ngeemeko ebomini, kuba loo mava amnceda nakolu bizo lwakhe lobufundisi.
- Wakwazi ukulakha ibandla lase Spes Bona elalisele lincanyiwe.
- Ubuciko obamnika udumo esikolweni baye bagqama nakwiintshumayelo zakhe.
- Wahlangana noyise ngenxa yentshumayelo echukumisayo awayeyenze mhla uyise ehambale kuloo nkonzoo yakhe.
- Ngenxa yokuba wayekhule engumntwana olixabisileyo ikhaya neemfundiso akhuliswe ngazo, wahambela isikolo awayefunda kuso esakhula, wachukumiseka uitishala wakhe akumbona enguchwenene womfundisi onenkathalo ngabantwana.

## 7.2 UThozama

- Uvezwa njengomhlobo osenyongweni kaThole nomkhuthazileyo kwimpumelelo yakhe.
- Ubuntu bakhe bavela nangexesha amane ethumela uThole imali ngexesha esesikolweni.
- Wakhuliswa ngumama omthembileyo nowazana noThixo.
- Ukukhulela kwikhaya elinekhubalo elinguThixo, loo nto ikwamlungiselela ukuba abe ungulo nkosikazi kaMfundisi unobuntu, uthando novelwano.
- Simbona mhla kwakuyoba ixhego leqaba angalaziyo ecaweni.
- Akazange alicekece alicalule, wayalela ukuba lingeniswe emishini apho walongela khona.
- UThozama ukwavezwe njengomntu ozithobileyo. Kwathi ngeli xesha uThole abuya eNgilane ebunguzelelw ngabantu abaninzi, wangazigwagwisi ngendima ayidlalileyo ebomini nakwimpumelelo kaThole.
- Waba nendima enkulu ayidlalileyo ekudibaniseni uThole noyise. Nguye owaqaphela iimpawu ezifanayo kweli xhego nakuThole.

[25]

## OKANYE

### UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

#### **NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

- |     |  |     |
|-----|--|-----|
| 8.1 | Sesikabaw' Mkwayi.✓/SesikaMkwayi.✓<br><br>(Nayiphi na kwezi)   | (1) |
| 8.2 | Uchukunyiswe yintshumayelo kaThole engethemba.✓  | (1) |
| 8.3 | UThozama wayalela abafana ababehamba nexhego ukuba balishiye ukuze babuye beze kukroba ngentsasa elandelayo.✓                        | (1) |
| 8.4 | NguThozama.✓   | (1) |
| 8.5 | Lalimenywe nguQhinebe✓ nomNtakwenda.✓  | (2) |
| 8.6 | Ukwenza isandi esibonakalisa ukungaxoli.✓/ukudandatheka emphefumlweni.✓/ukungqukruleka.✓<br><br>(Nayiphi na kwezi)                   | (1) |
| 8.7 | Wokuba wayeza kuvela unyana wakhe owayelahlekile.✓/wokuba wayeza kuvela unyana wakhe sele engumfundisi.✓/✓<br><br>(Nayiphi na kwezi) | (2) |

- 8.8 Sisiva esasisebusweni kweli xhego.√/ngumkhango owawusezantsi kwenkaba yexhego ofana nokaThole. √/ukufana kwabo ngengxam yobuso bexhego.√  
(Naziphi na ezimbini kwezi) (2)
- 8.9 Uzithathe lula√/akabonanga nto ityhulu.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 8.10 C√/Xa uMangaliso wayeqqiba kuthi abantu bayakwazi ukufana nokuba abazani.√/C. Xa uMangaliso wayeqqiba kuthi abantu bayakwazi ukufana nokuba abazani.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 8.11 8.11.1 Bubuxoki.√ (1)  
8.11.2 Yinyani.√ (1)
- 8.12 NguPapa.√ (1)
- 8.13 Bayafana√ (1)
- 8.14 Yintloko ebuhlungu√ nephupha elimphethe kakubi.√ (2)
- 8.15 Ulinike iipilisi ukunyanga intloko√/walicebisa ixhego ukuba iphupha lilibale lingasoloko lithetha ngalo.√ (2)
- 8.16 Lalisuka lilile√/limbangela iinyembezi.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 8.17 Yintshumayelo engethemba kaMangaliso.√ (1)
- 8.18 Lafumanisa ukuba uMangaliso ngunyana walo, nto leyo yabenza bangaphinde bahlukane.√√ (2)  
[25]

**OKANYE**

**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule****UMBUZO 9 (UMBUZO OMDE)****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:****9.1 UMfazwe**

- Ungumlinganiswa ophilayo nokholelekayo.
- Umbhali usebenzise indlela emayana ukuzoba uMfazwe.
- Zizenzo zakhe nezinto azicingayo, iimvakalelo zakhe, ukuthetha kwakhe kwiimeko ngeemeko ezimngqongileyo ezenza ukuba sigqibe ngohlobo alulo.
- Umbhali uzenze umlinganiswa oyintloko esebeenzisa isivumelanisi sentloko u-ndi- xa athetha ngoMfazwe.
- Igama lakhe liyamphuhlisa kuba usoloko emelene neemfazwe angunozala wazo.
- Wayengumfo owaba nethamsanqa lokuba nguye okhanyiselweyo ngokwemfundu nokhanyisela abanye abantu ngamatungelo abo kwindawo azalelwé nakhulele kuyo.
- Ulwazi lwakhe ulusebenzisele ukuba sisibane kwisizwe ukuze siphume ekuhluphekeni.
- UMfazwe ngokwesimo uchazwa nangummelwane wakhe uMaRhadebe ukuba yena wahlukile kubantwana balapho eQaka nangona ezalelwé khona.
- Ungumntu ozithandayo nothanda isiqu sakhe. Uyayithanda eyikhuthaza into eyakhayo. Ubaxabisile abantu bengingqi yaseBholo, omncinci nomdala.
- Unqwenela ukuba izinto ezintle azicingayo inga bangazicinga nabo, basebenzele ukuzifumana.
- Imeko eyayiqhubeka yamchukumisa waze wenza umzamo.
- Uzotye we wamela inyaniso kuba ezinye iitishaba zazimnqanda xa wayefundisa abantwana ngamatungelo abo ngexesha lesifundo sakhe.
- Waqala wafundisa abantwana ngamatungelo. Wala ukunyotya ngamapolisa amenze impimpi eza kufumana imali engaphezulu kwaleyo yobutitshala.
- Wabeka ubomi bakhe esichengeni kuba wenziwa ikheswa ngabantu ababemele ukumxhasa njengoCwe, utat'uGaba ummelwane wakhe, abafundi nomfundisi Hlathi.
- Ulahlekelwa zizihlobo nabahlobo ngesi senzo sakhe.
- Uzotye we njengekroti nomntu onesibindi sokumelana nemiceli-mingeni eluthotho ebomini bakhe. Ugwexa amapolisa ekubanjweni kwakhe nangexesha efunda ukuba nguKK owayehlaselwa ngobo busuku. Wala iingcebiso zomzingeli zokuba ajike kuba wayeza kubulawa endleleni.
- Wamkela amayeza awanikwa ngumzingeli okuzikhusela nto leyo ikwaphuhlisa inkolelo yakhe kumasiko nezithethe zakwaNtu.
- Warhintyeleka kwizenzo zabanye abalinganiswa.
- Ukrelekrele yaye unengqondo ekhawulezayo yokusabela kwimiceli-mingeni.

- Abantu abaninzi ababekufutshane naye, uGaba, uCwe, uNokuzola, umalume nenkosikazi yakhe, bonke basweleka engazange alihlambe igama lakhe eladyojwa ngobumpimpi.
- Waba yijaji nto leyo eyayiphuhlisa ukuba wayetshatshele kwezomthetho.

## 9.2 UHlathi

- UHlathi yindoda yasekuhlaleni ekwanguye nomfundisi.
- Ungene waphelela kwezopolitiko.
- Injongo yobufundisi kukuhlanganisa imihlambi eyalanayo nokushumayela uxolo phakathi kwabantu nokungcwaba ngesidima abo basishiyileyo.
- Imeko yasekuhlaleni yamenza wangkwazi ukuwenza ngokufanelekileyo umsebenzi wakhe ngenxa yombhodamo womzabalazo.
- Akakwazanga ukubangcwaba abantwana besikolo kuba ephazanyiswa ngamapolisa.
- Wabanjwa, wabethwa, esoloko egezelwa ngamaBhulu; ithemba lokuba izinto ziya kuguquka akazange alilahle.
- Ecaweni uHlathi wafakelwa iimpimpi ngamapolisa kuba wayethetha ashiye angalaziyo.
- Iimfihlo zakhe ezifana nokuba uMfazwe wayegcwele igazi erhaneleka ekubulaleni abantu, nokutsiba imida kukaMfazwe awayenesandla kuzo wafa nazo.
- Wangena zwabha waphelela kwezopolitiko.

[25]

## OKANYE

### UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

#### **UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

- 10.1 Ngokufundisana indlela yokubetha ikhulu (100) xa kudlalwa iqakamba.✓ (1)
- 10.2 Umlenze wakhe athi makulinganiswe wona ube wona ungenzi ngohlobo oluchazwayo.✓ (1)
- 10.3 'Endaweni yokuxwesa, usuke ukhabele ngasemva'.✓ (1)
- 10.4 Useshumini leminyaka.✓ (1)
- 10.5 Le ntwana yathi, 'Qwaka qwaka emoyeni eyona ndlela iyiyo yokubetha ibholangolu hlobo lufunekayo'.✓ (1)
- 10.6 Ngunyana kaMfazwe noNokuzola✓/ngunyana kaMfazwe✓/ngunyana kaNokuzola.✓  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 10.7 Atsho athi xhokro entliziyweni.✓/Andenzakalisa ngaphakathi.✓/ (2)

- 10.8 Wadutuwlwa ngamaBhulu esendleleni eya eMgazi kwinkampu eseMthontsi.✓ (1)
- 10.9 Edolophini.✓ Ungummelwane kaMeva/womlungu.✓ (2)
- 10.10 Abantwana bakaMfazwe babedlala nonyana kaMeva.✓ (1)
- 10.11 A. ✓/ekwaQaka✓/A. ekwaQaka.✓  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 10.12 10.12.1 Asiyonyani.✓ (1)
- 10.12.2 Yinyani.✓ (1)
- 10.13 Ngamapolisa.✓ (1)
- 10.14 Bafumene ulwazi lokuba uMfazwe ungumntu onolwazi oluninzi ngezopolitiko.✓ (1)
- 10.15 Njengempimpi.✓ (1)
- 10.16 NguNdlela, ✓/NguNtsipho ✓/NguFriday.✓  
(Nayiphina enye kwezi) (1)
- 10.17 Umzi wakowabo watshiswa;✓ abazali babbaca.✓ (2)
- 10.18 10.18.1 Wasweleka.✓ (1)
- 10.18.2 Waba yijaji yamatyala.✓ (1)
- 10.19 Ungeengxwelerha namahlandinyuka omzabalazo.✓✓ (2)  
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B:** **25**

**ICANDELO C: IDRAMA****UMBUZO 11 (UMBUZO OMDE)****AMAZA – ZS Qangule****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo****Ingabula-zigcawu**

- Apha umbhali ulindeleke ukuba asichazele ngendawo nexesha ewenzeka ngalo umdlalo, izithole zempixano nomingimini wento eza kuqhubeka ebalini.
- Umbhali usithela tshuphe ngabalinganiswa abanxaxheba ityhulu ebalini nezimo zabo.
- Ibalu liqala ezilalini kuba nanku uNamhla uhleli entangeni. Kukho amaqaba nezifundiswa. Ibalu liphinda libheke eRhawutini, eSwazini naseBhayi.
- Ixesha lelokungena kwempucuko kubantu ababomvu, kwaye kusehlotyen. UNamhla uzotywe wayintombi yanamhla, enxiba izilekisi, eqabe imilomo nethwele iwigi. Kukho nemibutho yokulondoloza iimbedlenge. UNamhla ungqengqe phezu kwebhedi ufunda iphepha-ndaba.
- Umbhali usazisile ngabalinganiswa bakhe abadlala indima ephambili kulo mdlalo.
- Zisuka nje sidibana noNamhla esentangeni ebonakalisa ukungonwabi ngenxa yokwendiswa ngebhaxa. Ufikelwa nguLizo olirkexe lakhe, Lizo lovo ongonwabanga kowakhe umtshato. Sivezelwe nangabazali bakhe abamnyanzela ngomtshato.
- Umbhali ukwa veza nentlaba-zahlukane eziphakathi kwamaBhele malunga nalo mcimbi kaNamhla. AmaBhele ahluke kubini, kukho amaqaba namaggobhoka.
- Umbhali umveza uNamhla eyintombi yala maxesha efundisiweyo waza wayibeka kwikhaya lamaqaba abambelele nkwa kumasiko nezithethe. UNamhla lo uza kwendiselwa kuSidima uthi phithi lisoka alithandayo nafuna ukutshata nalo. Nalo elo krexe linenkosikazi ekrevezayo.

**Ukuyondelelana kwebali**

- Izithole zempixano zikhula ngokukhula litsho liyondelelane ibali. Izimo zabalinganiswa ziyadula.
- UNamhla ubhaqa nguyise uDanile emhokamhokana noLizo. Loo nto imcaphukise kakhulu uDanile watsho wabiza intlanganiso engxamisekileyo yamaBhele ephela ukuza kushukuxa lo mcimbi. Loo nto yenza ukuba umsantsa ukhule ngakumbi phakathi kwamaBhele.
- UNamhla ubhaqa ifoto neleta kaZodwa epokothweni kaSidima ongumyeni wakhe. Loo nto yenza uNamhla amthiye nangakumbi uSidima, noLizo kwelakhe icala uxabana nenkosikazi yakhe enguZodwa.
- UZodwa uphela ebhacela eRhawutini koyena yise womntwana wakhe uSidima. Uthando lukaNamhla noLizo nalo luya luqina ngokuqina.
- Ukungaboni ngasonye nokujongelana phantsi phakathi kwamaBhele kuya kukhula ngokukhula.

## Uvuthondaba

- Lo ngummandla kaziggibo, kuqhawuka unobathana, abalinganiswa baxolele ukujinga iliso kunokuba zingaphumeleli iinjongo zabo.
- UNamhla uthe lwale luthando aphele egila imikhuba. ULizo ubheka eRhawutini apho afika abulale uDuma esiba nguSidima.
- Udubula uZodwa Zazile ongumkakhe acinge ukuba ubhubhile kanti akunjalo. Uphinda abulale uZodwa waseBhayi ukucima ubungqina. Ngalo lonke elo xesha uzama ukususa kwanto engumqobo endeleni yakhe.
- USidima uyafika athathe uZodwa Zazile babalekele eSwazini. UNamhla ugila imikhuba, ukhulelwe kungekagqabhuki nenyongo yomyeni wakhe.
- Ungunomeva ongafuni mntu umbuzayo nomthethisayo ngala manyala awenzileyo. Uthuka unina, athuke uninazala aze apetsulele amaBhele namaCirha.

## Ukusonjululwa kwezinto nesiphelo

- Kuphenduleka imibuzo emininzi ebingenazimpendulo.
- Kweli nqanaba kusonjululwa iqhina.
- Kulapho imiqiqibelane ithi ifumane ukohlwayeka namaqhawe avuzwe.
- USilumko nguye obephanda ityala lokufa kukaDuma. Bonke ubahlanganisa emangcwabeni.
- Kuvela ukuba asingoSidima obhubhileyo nguDuma, ingenguye noZodwa Zazile obuleweyo nguZodwa waseBhayi.
- UDuma kuthe kanti ubulewe nguLizo.
- ULizo nabanye abenzi bobubi bavalelwka kwesimnyama isisele.
- Kuvela nento yokuba uMalimakhwe unomntwana onguNamhla.
- UGobinamba ukhulula amaggobhoka ukuba aqhube ngomsebenzi wawo omhle wokholo nokhanyo.

[25]

## UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### AMAZA – ZS Qangule

- |      |  |     |
|------|--|-----|
| 12.1 | Yintombi nonina.√/Uzalwa nguMaDlamini.√  | (1) |
| 12.2 | Kukutshaya icuba√ nokusela utywala.√   | (2) |
| 12.3 | UNamhla akanguye umntwana wakhe ncam .√/UNamhla akamniki mbeko kwaphela uMaDlamini njengomzali wakhe.√ | (2) |
| 12.4 | Kukumitha kukaNamhla emithiswa yenze indoda esezeneni.√  | (1) |
| 12.5 | Ngumntwana kaLizo.√  | (1) |
| 12.6 | Wayebaleka ukubulawa/ukudutyulwa.√√  | (2) |
| 12.7 | Ukhutshwa kumtshato wesinyanzelo kwakubhubha indoda anyanzelwe ngesiko lokungenwa nguDuma. √√          | (2) |

- 12.8 'Angaxweba onke amaBhele, ingaqumba iminyanya itsale inyheke'. ✓✓ (2)
- 12.9 Ukungayihoyi nokungayithandi loo ndoda.✓ (1)
- 12.10 ULizo wabanjwa kuba kufunyaniswe nguye umbulali.✓ (1)
- 12.11 Wayesiya emsebenzini✓/eRhawutini.✓ (1)
- 12.12 Batshatile/ngumntu nenkosikazi yakhe.✓ (1)
- 12.13 Yinyani.✓ (1)
- 12.14 Ngumhedeni/ubunjwe ngesono✓/ngumathunz' omnyama/✓maqhingashe.✓ (1)
- 12.15 A✓/Ukuzibizela ukubethwa ngempama✓/A, ukuzibizela ukubethwa ngempama.✓ (1)
- 12.16 Ngumtshato wabo./umtshato wesinyanzelo.✓ (1)
- 12.17 Ifoto neleta kaZodwa epokothweni kaSidima.✓✓/limpawu zikaSidima emntwaneni kaZodwa.✓✓ (2)
- 12.18 Kuba uayazi ukuba yinyani./UNamhla wayenobungqina bokungathembeki kukaSidima.✓ (1)
- 12.19 Ewe! Waye wohlukana noSidima kuba uSidima waya eRhawutini, wasuka apho waya eSwazini.✓ (2)
- [25]

### **OKANYE**

### **UMBUZO 13 (UMBUZO OMDE)**

#### **A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

#### **Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

#### **Ingabula-zigcawu**

- Apha umbhali ulindeleke ukuba asichazele ngendawo nexesha ekwenzeka ngalo umdlalo, izithole zempixano nomingimini wento eza kuqhubeke ebalini.
- Umbhali usithela tshuphe ngabalinganiswa abanxaxheba ityhulu ebalini nezimo zabo.
- Kwindima yokuqala sixelelwa ngoMaqoma okwikomkhulu lakhe iTshokotshele, inkosana uXhoxho umi kwikhomkhulu iMthocwa, eSidutyini kumi inkosi yabaThembu uBawana ukuze eRhini ibe ngamajoni phantsi kokholoneli uSomerset. USomerset wayengonwabanga kuba wayefuna umhlaba awayemi kuwo uMaqoma. ETshokotshele nakhona uMaqoma wayengonwabanga kuba abantu abamnyama basuswa kwimihlaba yabo eyayityebile, babekwa kwiindawo eziyimiqwebedu baze balahlekelwa yimfuyo nelungelo lemihlaba. ESidutyini uBawana naye wayejikelezwe ngamaphakathi ayengonwabanga yindlela alawula ngayo. UMaqoma wayezimisele ukusikhuela isizwe sakhe, noSomerset wayezimisele ukumkhupha kumhlaba awayekuwo uMaqoma awunike abamhlophe.

- Ngokokuhlala iinkosi zazizonwabele nabantu bazo, bezisilela iindywala beziselela, bezeka izithembu, benqula izinyanya zabo, abefundisi babamhlophe babeyinyemba le ndlela yokuphila. Zonke iinkosi namajoni ngokwawo ayenemikhosi yokulwa nekhusela isizwe xa kunyanzelekile.
- Oku kufuna umhlaba kukhokelela ekubeni uSomerset abe nezicwangciso zokuwufumana aze uMaqoma azimisele ukuhlala ethe qwa ukumelana nayiphi na intoni enokwenziwa ngamagwangqa. Bobabini bazimisele ukuziphumeza iinjongo zabo.

### **Uyondelelwano Iwebali**

- Izithole zempixano zikhula ngokukhula litsho liyondelelaneli ibali.
- Izimo zabalinganisa ziyadula. ERhini uSomerset kwafuneka amhlasele ngobuchule uMaqoma ngoko ke waqinisekisa ukuba amajoni makabe ngakwicala lakhe amxhase ngokuthi aziveze engumntu owakhathaleleyo.
- Njengoko abefundisi babenomsebenzi omkhulu wokuguqula abantu bayeke izono, kwakufuneka babenendawo yezikolo zokubafundisa ukufunda nokubhala.
- Umhlaba babenokuwufumana ngoncedo lukaSomerset.
- Abefundisi bacela umhlaba kwiilali abangena kuzo nokuba bengekaziwa kwezo ndawo.
- Wakhupha imiyalelo yokuba kuhlaselwe iilali zakwaNdlambe.
- UMaqoma naye kwelakhe icala wayalela awakhe amabutho ukuba ayokulanda imfuyo eyayebiwe ahlasele xa kuyimfuneko.
- Amajoni abetha ebuyelela ekuhlaseleni nto leyo yenza ukuba kungabikho kuhlala kakuhle nakonwaba esizweni.
- Nangona uMaqoma engayithandi into yokubulawa kwabantu wanika imiyalelo engqongqo.

### **Uvuthondaba**

- Lo ngummandla kaziggibo, kuqhawuka unobathana, abalinganisa baxolele ukujinga iliso kunokuba zingaphumeleli iinjongo zabo.
- Kwiimvuselelo eziqhubekeyo ekuhlaleni abefundisi babeqhubeka bebethelela uluvo lokuba abantu abamnyama ingakumbi amakhoboka akhululwayo babebizwa ngemirhangqolo yabajedeni, amasela, ababulali abanentetho inamanyala namasiko abo obuhedeni.
- Abefundisi baqinisa iindlela zokurhwebesha iingqondo zabantu basuke kwiindlela abaphila ngazo.
- Baququzelela ukuba banikwe imihlabu ukuze kube neendawo zokuhlala amaggqbhoka yaye abe phantsi kweliso labo ngalo lonke ixesha. Konke oku babekwenzela ukuba bangaphuncukwa ngabo sele beguqukile.
- UMaqoma nesizwe sakhe waqhubeka neziyunguma zolonwabo lwabantu bakhe. Kwingxoxo yakhe namaphakathi akhe ubonis ukgungonwabi ngendlela uSomerset asele engene ngayo kumhlaba kayise.
- Lingcebiso azifumana kumaphakathi yayizezokuba kugxothwe abefundisi kuba besitshintshile isizwe sakhe, amadoda ayengasahlontshwa emizini yawo.
- UMaqoma wafunga ukuba akanakuwuyekela kwabamhlophe umhlaba kayise.
- Izicwangciso zikaQuka ekhuthazwa nguMngxongo ngobukhosu bakhe ziququzelelwe nakukufika komfundisi ehamba noRufus owayephethi izixhobo zempucuko nezokulwa. Ukukuvuyela kwakhe oku wavula ikroba lokuba inzondo yakhe ikhule esazi ukuba unezixhobo.
- Kuloo mnyama unkosi uBawana uyabulawa.

## Ukusonjululwa kwezinto nesiphelo

- Kuphenduleka imibuzo emininzi ebingena zimpendulo. Kweli nqanaba kusonjululwa iqhina.
- Kulapho imiqiqibelana ithi ifumane ukohlwayeka namaqhawe avuzwe.
- UQuka uyabulawa. uMaqoma uyabavumela abefundisi ukuba beze komkhulu kanti injongo kaSomerset kukuba akhuphe uMaqoma ngokuthi asebenzise impilo kaNgqika.
- USomerset wakhupha incwadi evela eBhrithani, wasebenzisa uFiliphu ukuba ayifundele isizwe. Loo ncwadi yayimkhupha kule ndawo wayemi kuyo uMaqoma.
- UNgqika ngentliziyo ebuhlungu wayalela unyana wakhe ukuba ahambe aye kufuthelana nomntakwabo aphume kuloo mhlaba.
- UMaqoma naxa wayefungile wanyanzeleka ukuba anikezele ngomhlaba.
- Isizwe esimnyama salahlekelwa ngumhlaba waso.

[25]

## UMBUZO 14 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto

- 14.1 Kwiziko lomkhosi eRhini. ✓ (1)
- 14.2 Kwakubhiyozwa konwatyiwe ngabantu basemkhosini. ✓ (1)
- 14.3 Babegxadazelisa kukuba besele utywala. ✓ (1)
- 14.4 WayenguKholoneli. ✓ (1)
- 14.5 Kukuba ligwala letyutyusi lenkokheli engafuni kusebenza kwiindawo ezisemaphandleni kuba esoyika ukuphepha-phepha imikhonto yemigqutsuba ekrwada. ✓✓ (2)
- 14.6 USmithi ufundile kunoSomerset kwaye ugqame ngokwazi nokuthetha iilwimi ezininzi. ✓ (1)
- 14.7 IsiFrentshi✓/isiJamani. ✓  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 14.8 Bekulindeleke ukuba ijoni lizigqatse emfazweni. ✓ (1)
- 14.9 Kukuba loo nto yenza ukuba bakhokhelwe ngamabheytebhetye angazi nto ngemfazwe, nto leyo eya kuthetha inyhikityha yokufa kwabo basemsini. ✓ (2)
- 14.10 Akulunganga✓, kuba uza kusuka angakwazi ukuwenza ngendlela eyiyo umsebenzi awonyulelwego njengoko kungakhange kujongwe isakhono anaso ngokomsebenzi. ✓  
Kulungile✓, kuba ufunu ukusebenza naye okanye ufunu ukuba afumane isonka. ✓ (2)

- 14.11 NguSmithi.√ (1)
- 14.12 Kuba wayethandwa yiRhuluneli.√ (1)
- 14.13 Ngabefundisi.√ (1)
- 14.14 Hayi, imibuzo kaLutshaba iveza ukuba aba bantu abakafikeleli kweyakhe indawo.√√ (2)
- 14.15 ETshokotshele kwikomkhulu likaMaqoma√/emtshatweni kwaMaqoma.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 14.16 Ngamasiko nokunqula izinyanya.√√ (2)
- 14.17 Baze emtshatweni.√ (1)
- 14.18 B√/Kwakuhlonitshwa uyise uNgqika√/B. Kwakuhlonitshwa uyise uNgqika.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 14.19 Abantu bafunda ukubhala√/ukufunda√/ukubala.√  
(Naziphi na kwezi) (2)  
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C:** 25  
**AMANQAKU EWONKE:** 80

**IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE**

<b>IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE ULWIMI LWASEKHAYA 10 AMANQAKU</b>	<b>ULWIMI</b>	<b>Kugqwesile</b>	<b>Kuphakamile</b>	<b>Kuphakathi</b>	<b>Kuyanelisa</b>	<b>Kuzamekile</b>	<b>Kunzima</b>	<b>Akaphumelelanga</b>
<b>Isakhiwo, uthungelwano nokunikezela. Ulwimi ithoni nesimbo ezisetyenzisiweyo kwisincoko</b>	<b>Isakhiwo sakhewe ngokuthungelanayo. Intshayelelo nesiphele ziggwesile. Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhliswe ngokucacileyo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlike, ziyanomeka. Isinikezelo sihle.</b>	<b>Isincoko sakhewe kakuhle. Intshayelelo nesiphele ziggwesile. Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhliswe ngokucacileyo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlike, ziyanomeka. Isinikezelo sihle.</b>	<b>Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelana ngokufanelekileyo. Intshayelelo nesiphele kunye neminye imihlathi zilungiselelwane zanamathele nangokunamathele nayo. Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo. Imihlathi ithande ukuchaneka.</b>	<b>Isakhiwo sibonisa uyilo oluxazalala. Izimvo azibhalwanga ngokulandelelanayo. Kukho ubungqina beziphene zolwimi. Ithoni nesimbo sokubhala zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo Imihlathi ixazalala.</b>	<b>Bukho ubungqina besakhiwo esibonakalayo. Isincoko siyasilela ekwakhwiwi kwezimvo ngokulandelelanayo nangokunamathele nayo. Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo. Imihlathi ithande ukuchaneka.</b>	<b>Isakhiwo sibonisa uyilo oluxazalala. Izimvo azibhalwanga ngokulandelelanayo. Kukho ubungqina beziphene zolwimi. Ithoni nesimbo sokubhala zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo Imihlathi ixazalala.</b>	<b>Unikezelo aluniki mda. Ukusilela kucwangciso lukhokelela ekuvubekeni kwezimvo. Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokunamampumelelo. Imihlathi ixazalala.</b>	<b>Kunzima ukubona ukuba isihloko siphuhlisive. Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelwano lwezimvo. Isincoko asinayo imihlathi nonamathele wano. Ulwimi lufe amanqe. Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni. Ayiko imihlathi nothungelwano.</b>
<b>UMXHOLO Ukuholikwa kwestihloko. Ubunzulu bengxoxo, ukuzixhasa / ukuzathuza nokunamathele kumxholo.</b>		<b>7 80–100%</b>	<b>6 70–79%</b>	<b>5 60–69%</b>	<b>4 50–59%</b>	<b>3 40–49%</b>	<b>2 30–39%</b>	<b>1 0–29%</b>
<b>Kugqwesile</b>  Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko iphicothwe ngokugqwesileyo. Isincoko siphuhlike. (90% + ukugqwesa kwesincoko). Unike uluhlu lwezimvo olupuhuhlikeyo noluxhaswa ngokugqibeleleyo kwitekisi. Ubonakalisa ulwazi olupuhuhlikeyo lwale jenri nomhobe.	<b>7 80–100%</b>	<b>8–10</b>	<b>7–7½</b>	<b>7–8</b>				

<b>Kuphakamile</b> <p>Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko iphicotwhe ngokwanelisayo. Isincoko sicacile. Unike uluhlu lwezimvo ezixhaswe kakuhle kumhobe. Ulwazi lwejenri nomhobe luyancomeka kakhulu.</p>	6 70–79%	7½–8½	7–8	6–7½	6–7			
<b>Kuphakathi</b> <p>Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isihloko. Uzamile ukusicacisa isincoko sakhe. Unike uluhlu lwezimvo ezivakalayo kodwa azixhaswanga ngendlela egqibelelelyo. Ulwazi lwejenri nomhobe luyabonakala.</p>	5 60–69%	7–8	6½–7½	6–7	5½–6½	5–6		
<b>Kuyanelisa</b> <p>Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhlisiswanga ngokwaneleyo. Amanye amanqaku axhasa isihloko ngokwanelisayo. Izimvo ezininzi zixhasiwe nangona ubungqina buthanda ukunganelisi ncum. Lukho ulwazi olusiseko lokuyiqonda lejenri nomhobe.</p>	4 50–59%		6–7	5½–6 ½	5–6	4½–5½	3–4	

<b>Kuzamekile</b>  Umbuzo uphendulwe ngokuhlelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleleyo. Ingqiqo nokuqondwa kwestihloko kuvezwe kancinci ngoko kukwitekisi. Umfundu akakayilandeli kakuhle le jenri okanye umhobe.	3 40–49%			5–6	4½–5½	4–5	3½–4½	3–4
<b>Kunzima</b>  Akasilandeli tu isihloko. Isincoko sibonakalisa ukuphindwa –phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni Akukho zimvo ziphuhlileyo, ingqiqo ixazalala / nezimvo azixhaswa kumhobe. Akanalo tu ulwazi lwale jenri nomhobe.	2 30–39%				4–5	3½–4½	3–4	1–3½
<b>Akaphumelelanga</b>  Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile. Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa kumhobe. Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale jenri nomhobe.	1 0–29%					3–4	1–3½	0–3

**IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SONCWADI LWENOVELI NEDRAMA**  
**Qaphela umahluko wamanqaku abelwe umxholo nalawoabelwe isakhiwo nolwimi.**

IIKHOWUDI NOLWABIWO-MANQAKU		UMXHOLO [15] Ukuchazwa kwesihloko: Ubunzulu bezimvo, ukuzathuza nokuqondwa kakuhle komsebenzi omiselweyo.	ULWABIWO -MANQAKU	ISAKHIWO NOLWIMI [10] Isakhiwo sibhalwe kwaye sinikezelwe ngokungqinelanayo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala.
Ikhowudi 7 80–100%	Kuqwesile 12–15 amanqaku	Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko iphicothwe ngokugqwasileyo. Isincoko siphuhlile. (90% + ukugqwesa kwesincoko). Unike uluhlu lwezimvo olupuhhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleyo kwitekisi. Ubonakalisa ulwazi olupuhhlileyo lwale jenri netekisi.	Kuqwesile 8–10 amanqaku	Isincoko sakhiwe ngokuthungelanayo. Intshayelelo nesiphele zigqwasile. Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhlile ngokucacileyo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlile, ziyanabathekisa kwaye zigqwasile.
Ikhowudi 6 70–79%	Kuphakamile 10½–11½ amanqaku	Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko iphicothwe ngokwanelisayo. Isincoko sicacile. Unike uluhlu lwezimvo ezixhaswe kakuhle kumhobe. Ulwazi lwejenri nomhobe luyancomeka kakhulu.	Kuphakamile 7–7½ amanqaku	Isincoko sakhiwe kakuhle. Intshayelelo nesiphele ziyancomeka. Izimvo neengcina zilandeleka lula. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngokuchanekileyo neenjongo zesincoko. Isinikezelo sihle.
Ikhowudi 5 60–69%	Kuphakathi 9–10 amanqaku	Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isihloko. Uzamile ukusicacisa isincoko sakhe. Unike uluhlu lwezimvo ezivakalayo kodwa azixhaswanga ngendlela eqgibeleyo. Ulwazi lwejenri nomhobe luyabonakala.	Kuphakathi 6–6½ amanqaku	Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelana ngokufanelekileyo. Intshayelelo nesiphele kunye neminye imihlathi zilungiselelwane zanamathelana kakuhle. Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichanekakuhle.
Ikhowudi 4 50–59%	Kuyanelisa 7½–8½ amanqaku	Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhliswanga ngokwaneleyo. Amanye amanqaku axhasa isihloko ngokwanelisayo. Izimvo ezininzi zixhasiwe nangona ubungqina buthanda ukunganeli ncum. Lukho ulwazi olusisiseko lokuyiqonda le jenri netekisi.	Kuyanelisa 5–5½ amanqaku	Bukho ubungqina besakhiwo esibonakalayo. Isincoko siyasilela ekwakhiweni kwezimvo ngokulandelelanayo nangokunamathelanayo. Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo. Imihlathi ithande ukuchaneka.
Ikhowudi 3 40–49%	Kuzamekile 6–7 amanqaku	Umbuso uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo. Ingqiqo nokuqondwa kwesihloko kuvezwe kancinci ngoko kukwitekisi. Umfundu akakayilandeli kakuhle le jenri netekisi.	Kuzamekile 4–4½ amanqaku	Isakhiwo sibonisa uyilo oluxazalala. Izimvo azibhalwanga ngokulandelelanayo. Kukho ubungqina beziphene zolwimi. Ithoni nesimbo sokubhala zitenxile kwiniqongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo Imihlathi ixazalala.

Ikhowudi 2 30–39%	Kunzima  $4\frac{1}{2}$ – $5\frac{1}{2}$ amanqaku	Akasilandeli tu isihloko. Isincoko sibonakalisa ukuphindwa – phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni. Akukho zimvo zipuhlileyo, ingqiqo ixazalala/nezimvo azixhaswa kumhobe. Akanalo tu ulwazi lwale jenri netekisi.	Kunzima  3– $3\frac{1}{2}$ amanqaku	Unikezelo aluniki mdla. Ukusilela kucwangciso lukhokelela ekuvubekeni kwezimvo. Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelelo. Imihlathi ixazalala.
Ikhowudi 1 0–29%	Akaphumelelanga  0–4 amanqaku	Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile. Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbawwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa kumhobe. Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale tekisi nejenri.	Akuphumelelanga  0– $2\frac{1}{2}$ amanqaku	Kunzima ukubona ukuba isihloko siphuhlisive. Abukho ubungqina besicwangciso sesakhivo nolandelwano lwezimvo. Isincoko asinayo imihlathi nonamathelwano. Uwimi lufe amanqe. Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni.  Ayikho imihlathi nothungelwano.